



INCWADANA YOLWAZI EYENZELWE ABAGULI UKWALIWA YI-LATEX

- Ilatex yincindi yemvelo ephuma kuhlobo lomthi werabha oyi *Hevia brasiliensis*.
- Ngokuqhelekileyo olu hlobo lokwaliwa luchaphazela abasebenzi bezonyango nabanye (umz. abalungisi beenwele) abasoloko besebenza ngeemveliso ezenziwe nge *latex*. (liglavu neecatheter).
- Umntu owaliwa yi *latex* kungenzeka uyaliwa nazezinye izinto.

KWENZEKA NJANI UKUBA UMNTU ALIWE YI-LATEX?

Iiprothini ze *latex* aziqheleki emzimbeni. Ukuba umntu usoloko edibana neentwan-ntwana zeeprothini zale ncindi yomthi wamasi kubangela ukuba kuveliswe izibulala-ntsholongwane ezinobungozi ze-IgE. Iiglavu ezifakwe umgubo ezibhedlele zenza kube lula ukusezela iiprothini ze *latex*. Umthetho uyakuthintela ukusetyenziswa kweeglavu ezilolu hlobo kwiziBhedlele zikaRhulumente kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika.

ZIINTONI IIMPAWU ZOKWALIWA YI-LATEX?

Izinto ezibonakala ngoko nangoko ezibonisa ukwaliwa

- izigxala,
- ukurhawuzela kwamehlo,
- ukurhawuzela kwempumlo okanye ukuba nemfixane,
- ukuthimla,
- ukutswina kwesifuba, ukukhohlela, isifuba,
- ukudumba komqala,
- i-anaphylaxis

UKWALIWA OKUBONAKALA EMVA KWEXESHA ELIDE/ INGXAKI YOLUSU

- Izigxala ezibomvu, ezirhawuzelayo/ezineenkokho kwiindawo ezasulelekileyo

UXILONGO LWENZIWA NJANI?

- Imbali yeempawu ezithi zibonakale kwisithuba seyure emva kokudibana neeglavu okanye ezinye iimveliso zerabha kubonisa ukuba kungenzeka umntu uyaliwa yi *latex*.
- Oku kungangqinisiswa ngokwenziwa kohlolo lwegazi okanye lwesikhumba.
- Uhlolo lokuthi phafu kancinci ngento ebukhali ngamaxesha onke lumele lwenziwe esibhedlele apho kukho izinto zokunyanga.
- Kusenokuba yimfuneko ukwenza uhlolo lwendawo ethile xa kurhaneleka ukuba kukho ingxaki yolusu

KUNYANGWA NJANI UKWALIWA YI-LATEX?

Ukuba uyaliwa yi/latex, kubalulekile ukukuphepha ukudibana ne/latex ukuze kuthintelwe ukunwenwa kweempawu.

- Nxiba isacholo esibonisa ukuba zinto zini na ongalungelani nazo ngokwasempilweni
- Phahta isitofu se-adrenalini kunye nee-antihistamine
- Kuphephe ukudibana ngokungqalileyo okanye ngokungangqalanga ne/latex.
- Yazisa ugqirha wakho nogqirha wamazinyo
- Chazela usapho neetshomi zakho ukuba uyaliwa yi/latex.
- Tsalela umnxeba kwindawo yasekuhlaleni esebenza ngeemeko zikaxakeka, i-ambulensi nesibhedlele ukuze uqinisekise ukuba banazo iiprotokholi zokungasebenzisi i/latex
- Yazisa umntu okwenza iinwele xa ngaba kusetyenziswa iikhemikhali ezithile zokujika okanye ukuqaqambisa umbala othile ezinweleni zakho.

UNGAKUPHEPHA NJANI UKUDIBANA NE-LATEX ESIBHEDLELE?

- Kubalulekile ukuchonga ze uphephe iindawo eziyingozi kakhulu ezinokubangela ukuba uvukwe ziimpawu zokungalungelani ne/latex.
- Abantu abangalungelaniyo ne/latex bamele bangaze bazinxibe iiglavu ezenziwe nge/latex.
- Abantu abaliwayo yi/latex bamele basebenze kwindawo engenawo umgubo.

UMELE WENZE NTONI XA KUFUNeka WENZIWE UQHAQHO OKANYE ENYE INTO YONYANGO?

- Umele umazise ugqirha wakho, ugqirha wamazinyo okanye ingcali yokudoma.
- Kubalulekile ukuba ube ngumguli wokuqala kuluhlu lwabaguli abaza kuya kwigumbi loqhaqho ngaloo mini ukuze uphephe nayiphi na i/latex ekusenokungaphepheki ukungena nayo kwigumbi loqhaqho

KUTHIWANI NGOKUDIBA NE-LATEX NGAPHANDLE KWASESIBHEDLELE?

- I/latex isetyenziswa kakhulu emakhayeni ezi mini.(umz. amavili eebhayisekile, iirabha zokubophelela, izinto zokudlala ezenziwe ngerabha, iibhotile zokufaka amanzi ashushu)
- I/latex iyafumaneka nakwizixhobo ezisetyenziswa emidlalweni/ekuzonwabiseni (umz. isiphatho sephini lokudlala, iibhola zesquash, iiglavu zabadlali begalufa, iimpahla zokungena emanzini)

Ukuze ufunde olunye ulwazi, yiya ku-: http://en.wikipedia.org/wiki/Latex_allergy

ILUNGELO LOBUNINI: ALLERGY SOCIETY OF SOUTH AFRICA

2013



linguqulelo-lwimi zixhaswa nguCIPLA